Isalathiso: COVID-19/202020523.
Imibuzo: BK Schreuder

ZiNqununu, ziKomiti zoLawulo zeZikolo nooTitshala ababekekileyo bazo zonke izikolo zikarhulumente

(Makwaziswe namaBhunga oLawulo eZikolo)
(Makwaziswe neZikolo eziZimeleyo)

EZINYE IZIKHOKELO EZIMALUNGA NOKULAWULWA KWE-*COVID*-19 KWIZIKOLO ZIKARHULUMENTE

Ndifuna ukubulela iinqununu nee*SMTs* ngomsebenzi abawenzileyo kule veki iphelileyo ukulungiselela izikolo zikulungele ukubuyela kwabo bonke ootitshala ngoMvulo we-25 Meyi 2020.

Ndiyabulela ngokuqaliswa kokucocwa kakuhle kwezikolo nangezicwangciso ezibalulekileyo ekufuneka zenziwe ukucwangcisela ukuhlolwa kwabo bonke abasebenzi yonke imihla, ukucwangcisela ukuqhelaniswa kwabasebenzi nemeko eqhubekayo ngosuku lokuqala lokubuyela esikolweni, ukucwangcisela ukusekwa kweekomiti zempilo nokhuseleko (njengenxalenye yeSGB) nokucwangcisela ukuqelelana phakathi kwabafundi nezicwangciso zeemeko ezinokubakho xa izikolo zingasakwazi ukwenza abafundi baqelelane phakathi kwabo.

Kwiveki ezayo siya kuba sikulungele ukubuya kwabafundi bamaBakala 12 nele-7 ngowe-01 June 2020: izicwangciso zokuhlolwa kwabafundi yonke imihla, ukuqhelaniswa nemeko eqhubekayo kwabafundi ngokumalunga ne-*Covid-19* neendlela ezintsha zokuziphatha neentshukumo, ukubafundisa ukuba bathathe inxaxheba ngokhuseleko lwabo, namalungiselelo okugqibela okufundiswa kwabo ukususela kowe-01 Juni 2020.

Ukulungiselela ukubuyela ngokukhusekileyo kootitshala nabafundi, izikolo zinike ingxelo yokuba zingaphezu ko-80% izinto zokucoca ezifikileyo ukulungiselela ukucoca ungadlulanga owe-18 Meyi 2020. Ukuziswa kwezikena ii-*temperature scanners* neemaksi kubo bonke abasebenzi kuqhosheliswe izolo. Ezo zikolo zithile zingakhange zifumaneke ukwamkela iimaski neezikena ebezizisiwe zimele ukuqhagamshelana nee-ofisi zezithili zazo ngokukhawuleza.

Iziqephu zokuqala zezinto ezongezelelweyo (izicoci ezibulala iintsholongwane ezandleni, iiblitshi) zizisiwe kwizikolo ezininzi yaye oku kuseza kuqhubeka. Iimaski ezoneleyo zabafundi

bamaBakala 12 nele-7, ziya kufika ezikolweni engadlulanga uLwesithathu we-27 Meyi 2020. limaski zabanye abafundi ziya kulandeliswa ukususela kwiveki yokuqala kaJuni.

Kubalulekile ngokwenene ukuba iinqununu zithwale uxanduva lokuphendula ngokulungela nangokhuseleko lwezikolo. Ndifuna ukubulela iinqununu nee-*SMTs* eziwamkela ngezandla ezishushu lo msebenzi uluxanduva lwabo. Indlela ezikhokelwa nezilawulwa ngayo izikolo, iya kuba nomahluko kweyethuba elingaphambi kwe-*Covid-19* yaye andinakukugxininisa ngokungaphezulu oku kubaluleka kwemiqathango yothintelo yezempilo nokhuseleko ngokuqhubekekayo yonke imihla, ukulungiselela bonke ootitshala nabafundi ngeyona ndlela ibhetele.

ISikhokelo seSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED)

Ukunika inkxaso kulo msebenzi mkhulu kangaka kufuneka wenziwe ziinqununu nee-*SMTs* wokukhokela, ukucwangcisa nokulungiselela ukubuyela ezikolweni ngokukhuselekileyo kwabafundi, sele sikhuphe izikhokelo ezihlanu ezilandelelanayo yaye sikwahambise namaxwebhu esiwafumeneyo ukuza kuthi ga ngoku kwiSebe leMfundo esiSiseko (iSebe i*DBE*).

Iseti yokuqala yeZikhokelo A-E zeSebe iWCED, ezimalunga nokulawulwa kwe-*Covid-19* kwisikolo sakho, yathunyelwa ngeCawa, nge-17 Meyi 2020.

Ezi zikhokelo zilandelayo ziqhotyoshelwe apha kule leta ukulungiselela ukuba nizithathele ingqalelo:

- **F – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukutyiswa kwabafundi esikolweni**
- **G –ISikhokelo seSebe iWCED: Inkxaso emalunga neemeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo**
- **I – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukulawula abafundi abasele beneemeko zezigulo ezithile**
- **I – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukhuseleko lwaBafundi abakwiSkim soThutho lwaBafundi**
- **K – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukulawulwa kokhuseleko ezihostele ngethuba le-*Covid-19***
- **L – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukulawulwa kwabasulelekileyo yi-*Covid-19* ezikolweni**
- ***M* – ISikhokelo seSebe iWCED: IiNdima neMisebenzi yee*SGBs***

Ukongeza apho kula maxwebhu, iSebe i*WCE*D likwadrafte oku kulandelayo:

- **H – ISikhokelo seSebe i*WCED*: Ukulawula ukhuseleko lwabasebenzi abasele beneemeko zezigulo**

Sisenamathandabuzo okuzipapasha ezi zikhokelo okwangoku, njengoko sisalinde isigqibo senkqubo efanayo yeSebe i*DBE* ngale miba.
ISebe i*WCED* nalo lidrafta kungokunje isikhokelo esingokulawulwa kwekharityhulam:

- **N – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukulawula ikharityhulam.**

IZikhokelo H no-N ziya kuhanjiswa ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka.

Kunyanzelekile ngokwenene ukuba zonke iinqununu, ii-*SMTs*, ootitshala nabasebenzi abangengabo ootitshala bawafunde la maxwebhu azizikhokelo ngocoselelo yaye bathathe amanyathelo ngokufanelekileyo. Ukulungiselela ngeyona ndlela ibhetele ukhuseleko lomntu wonke, kubalulekile ukuba wonke umntu azi ngokuqulethwe zezi zikhokelo. Ngaphezu koko, ukuba kukho nakuphi na ukungangqinelani phakathi kweZikhokelo zeSebe i*WCED* neZikhokelo zeSebe i*DBE*, kumelwe ukuba kwamkelwe amaxwebhu aziZikhokelo zeSebe i*WCED* kude kunikwe ingcaciso engaphezulu.

Sicela uxolo ngokuba kuthathe ixesha elide noko ukuhanjiswa kwala maxwebhu aguqulweyo, ngenxa yobuninzi bomsebenzi nokuphuthuma kwamaxesha asikiweyo achaphazelekayo. Siya kuwathumela amaxwebhu aguqulweyo akuba egqityiwe.

Ngelishwa ke, andinako ukuninika into ecacileyo malunga nokuba aya kubuyela nini na amabakala alandelayo. Silinde isigqibo seSebe i*DBE*. ISebe i*WCED* liyichazile inkxalabo yethu ngokubuyela esikolweni kamva kweSigaba seSiseko njengeko sona isisigaba esisisiseko sokufunda esingundoqo ekuzuzeni izakhono ezibubuchule zokufunda kwiminyaka yethuba elizayo. Sinethemba lokuba ziya kuthathelwa ingqalelo iimbono zethu ngalo mba.

Ootitshala abaneemeko zezigulo: Amanyathelo ethutyana

Ndinolwazi lokuba ootitshala abasele beneemeko zezigulo baxhalabile kuba kufuneka bebuyele ezikolweni ngoMvulo, lo gama kusalindwe umyalelo weSebe i*DBE*.

Kuxoxiwe ngawo lo mba kwakhona neeMibutho yeeManyano zooTitshala kwiintlanganiso zethu zesiqhelo kusasa nje. Sivumelene ngoluvo lokuba simele ukufumana indlela yokuba ootitshala abaneemeko zezigulo babenako ukuqhubeka ukusebenza ngokuyimpumelelo phantsi kweemeko ezikhuselekileyo ezifana nokusebenzela emakhaya.

Njengoko bebaninzi ootitshala abakule meko abasele befake iingxelo zezonyango kwiinqununu zabo, iSebe i*WCED* lenze isigqibo sokuba libavumele aboo titshala ukuba bangabuyeli ezikolweni zabo ngoMvulo we-25 Meyi 2020, yaye oko kuxhomekeke nakwiingxoxo ezizezinye neSebe iWCED. Singathanda ukuba sibenako ukwazisa ootitshala abazifumana bekule meko, ngeenkqubo zeSebe i*WCED* kule veki, phambi kokuba abafundi baqalise ukubuyela esikolweni.

Ngeli thuba, sicela ootitshala abaneemeko zezigulo ukuba bangenise **isicelo sokuxolelwa** (***concession***) kwiinqununu zabo nesihamba kunye nengxelo yezonyango epheleleyo evela kwingcali yezonyango, kwakunye nesicwangciso sokuba baceba ukuqhubeka besenza njani na xa becela ukuba basebenzele emakhaya. Ezi ngxelo nezicwangciso zimelwe ukungeniswa ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka, kodwa engadlulanga uLwesithathu we-27 Meyi 2020 (nokuba ngaba ingxelo yezonyango ayikafumaneki). Iinqununu mazingenise loo maxwebhu neengcebiso kuMlawuli weSithili engadlulanga uLwesine we-28 Meyi 2020, ukwenzela ukuba ziqwalaselwe liSebe iWCED, yaye makahanjiswe nesicwangciso sokuba isikolo siya kuzilawula njani na ezi meko zootitshala abasebenzela emakhaya.

Sinethemba lokuba singanako ukuyigqiba le nkqubo ngokukhawuleza kangoko sinako.

Ukubhajetha

Sinolwazi ngokunjalo lokuba zonke izikolo ziya kubaphantsi koxinzelelo nokushokoxeka kwezimali ukusuka ngoku ukubheka phambili. Ngenxa yoko, ii-*SGBs* ngoku ziza kudlala indima ebalulekileyo ekuyibekeni phambili kwakhona ibhajethi yesikolo. Kukwabalukile nokuba izikolo ziqinisekise ukuba kukho inkxaso-mali ebekelwe bucala ukulungiselela ukuthengwa kwakhona kwezicozi ezibulala iintsholongwane ezandleni, iikhemikhali ezizihlanzisi nezinto zokucoca ngokuqhubekekayo njengoko ezo zinto zibonelelwe liSebe i*WCED*, ngemithwalo eziziqephu, ziya ziya kusetyenziswa ziphele.

Ingcebiso

Lo gama sizama ukuthenga iidispensa ezincinci ukwenzela izicoci ezibulala iintsholongwane ezandleni, akukakwazeki okwangoku ukuba zona zithengwe zisisixa esikhulu. Nakuba kunjalo, kukho inqununu eze necebo elihle kutshanje lokuba icele abazali baqokelele iibhotile ezithsuthsuzayo (*spray bottlles*) yaye bazithumele esikolweni xa abafundi bebuyela, ukubanceda bagalele izicoci ezibulala iintsholongwane ezandleni okwethutyana.

Imigaqo-nkqubo yeenwele neyunifom

Kubekho iingxoxo jikelele malunga nemigaqo-nkqubo yeenwele ekubeni abafundi bengakwazanga ukuya kwiindawo zokwenza/zokucheba iinwele (*hairdresser or barber*) ngenxa yemiqathango ye-*Covid-19*. Lo gama sikuqonda ukubaluleka koku, kufuneka siqinisekise ukuba iinkqubo zethu zoluleko zihlala zisemgangathweni owamkelekileyo, ndifuna ukucela izikolo zithathe amanyathelo afanelekileyo ngeli thuba yaye zizilungiselele iimeko apho iinwele zabafundi zingahambelaniyo neemfuno ezimiselweyo zomgaqo-nkqubo weenwele.

Ukongeza apho, njengoko iSebe i*WCED* linikezela ngeemaski ezimbini mahala kumfundi ngamnye, abazali abanako ukunyanzelwa ukuba bathenge iimaski ezikolweni, nokuba ngaba ziyimibala yesikolo okanye zineelogo ezizibrendi zezikolo. Kwakhona, sicela ukuba kusetyenziswe indlela eyamkelekileyo ukuba izikolo zifuna umfundi anxibe umbala othile.

Ndifuna ukubulela zonke iinqununu, ii-*SMTs* nabasebenzi abangengabo ootitshala abasebenza nzima ukulungiselela ootitshala babo ngoMvulo, nabafundi nge-01 Juni 2020. Ndifumana ingxelo encumisayo ngokuqhubekayo ngala maphulo niwenzayo ukuqinisekisa ukhuseleko nokuqelelana phakathi kwabantu.

Owenu ngenene

BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-05-23